URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Bridget Tobin**
ICandelo leKharityhulam ye-*FET*
Bridget.Tobin@westerncape.gov.za | 021 467 2251

Inombolo yefayili: 22/2/6/1
Isalathiso: 20240405-2925

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*FET*: 0005/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBacebisi beZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziziisekondari

**ISihloko: Isicelo sokuba izikolo zikhumbule uSuku lwe-Afrika kwiveki ye-20 ukuya kweye-24 Meyi 2024**

1. USuku lwe-Afrika lubhiyozelwa qho ngonyaka ngowe-25 Meyi yaye lukhunjulwa kuMzantsi Afrika uphela. Umxholo wango-2024 uthi: **UNyaka weMfundo - Fundisa um-Afrika olungele iNkulungwane ye-21 (*The Year of Education - Educate an African fit for the 21st Century).***

2. Injongo ephambili yokubhiyozelwa koSuku lwe-Afrika kukukhuthaza umanyano, ukunikana inkxaso nentsebenziswano phakathi kwamazwe nabantu base-Afrika. Ngolu Suku kukhunjulwa ukusekwa koMbutho woManyano lwama-Afrika (*Organisation of African Unity*) ngowe-25 Meyi 1963, oye kamva waba yiManyano yama-Afrika (*African Union*)(*AU*) ngo-2002. Oku kubhiyozelwa kolu Suku sisikhumbuzo semizabalazo yenkululeko yexesha eladlulayo, ukubhiyozela impumelelo yayo yangoku, nokukhuthaza ukubanethemba lekamva elibhetele labo bonke abantu bayo.

3. Ukugxininisa kwimfundo njengowona mba uphambili kulo nyaka kuqaqambisa ithuba leengxoxo ezibanzi ezingokuphucula ukufikelela kwimfundo ekumgangatho ophezulu kwi-Afrika iyonke, ukwandisa amaphulo otyalo-mali, nokwenza imigaqo-nkqubo esebenzayo. Oku kubalulekile ngoba i-Afrika inawona manqanaba emfundo aphantsi kakhulu kwihlabathi yaye ijongene nemingeni ebonakalayo.

4. Kucelwa iinqununu nootitshala bafumane ixesha elifanelekileyo kwiveki ye-20 ukuya kweye-24 Meyi 2024 lokwazisa abafundi ngokubaluleka koSuku lwe-Afrika kubo bonke abemi.

5. La maxwebhu azizibonelelo alandelayo afakwe kwi-*ePortal* yeSebe leMfundo leNtshona Koloni ukunceda ekucwangciseni imisebenzi enokwenziwa yokubhiyozela olu suku lubaluleke kangaka:

- **IsiHlomelo A:** UMhobe we-*AU* (amagama omhobe)
- **IsiHlomelo B**: Imisebenzi ekucetyiswa ukuba yenziwe ngale veki
- **IsiHlomelo C**: Umxholo wango-2024

6. Ezi zibonelelo zinokufunyanwa ngokungena apha https://wcedeportal.co.za/africa-day

7. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kucelwa niqhagamshelane noBridget Tobin, oliSekela Ngcali yeMfundo eyiNtloko ye-*History*, kule dilesi ye-imeyili: Bridget.Tobin@westerncape.gov.za okanye kule nombolo yefoni 021 467 2251.

8. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane abasebenzi nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-05-03